| | |
|---|---|
| i-Auxin isingathwe ngu | Iziko lokuFundisa nokuFunda(CTL) |
| Isihloko senkcazo-ntetho yakho<br>- Nceda uqinisekise ngekhonkco elicacileyo ekufundiseni nasekufundeni. | Ukudala abafundi labanolwazi oluhlakaniphileyo– oononcwadi kunye nendima yabo efihlakeleyo kwi-ajenda yokufundisa kwi-Yunivesithi yaseStellenbosch |
| Itayitile negama lomchazi-ntetho | Nksk. Elizabeth Moll-Willlard<br>Mnu. Jeremiah Pietersen |
| Ibhayografi emfutshane yomchazi-ntetho 50 –- amagama | U-Elizabeth ungunoncwadi weefakhalthi kwithala  kunye neeNkonzo zoLwazi e- SU, ingakumbi oludityaniswe kwifakhalthi ye-AgriSciences. Uthanda kakhulu ukufundisa  nokuxhasa uphando kwiyunivesithi.<br><br>U-Jeremiah ujongene nokufunda noqeqesho kwiThala leencwadi neeNkonzo zoLwazi e-SU.  Njengenxalenye yale ndima, ujongene nophuhliso lobuchule kuqeqesho nezakhono kwiinkonzo zamathala. |
| Isishwankathelo /intshayelelo / isicatshulwa/ isibhengezo senkcazo-ntetho yakho.<br><br>150 – 250 amagama kubandakanya isiphelo kunye/okanye<br>- Intsingiselo yokufundisa nokufunda e-SU.<br>- Sisebenzisa le nto ukumemela abazimasi kwinkcazo-ntetho yakho. Enge-<br>- Auxin | Ukukwazi ukuzula-zula kwihlabathi lolwazi kuyimfuneko kwinqanaba leyunivesithi kubafundi nabasebenzi ngokufanayo– ukuqonda indlela yokwenza uphando, izibonelelo ezifumanekayo nokukwazi ukuvavanya izibonelelo kumxholo wakho sisakhono ekufuneka abaninzi basazi ukuze bakwazi  ukuphumelela kwisidanga saseyunivesithi.  Maxa wambi kucingelwa ukuba obu buchule bufundwa njengemveliso evela kumsebenzi omiselweyo kunye neziphumo, kodwa kufuneka igxininiswe into yokuba iyunivesithi inobuncwane (obufihliweyo) bobuchule bokufundisa ezi zakhono zibalulekileyo: oonocwadi<br><br>Oononcwadi babandakanyeka ngokwesicelo sabahlohli ukunceda ukuphucula isakhono sabafundi sokufumana, ukuqonda nokuvavanya ulwazi, phakathi kwezinye izakhono zolwazi lokufunda nokubhala. Ezi zakhono zinokubaxhobisa abafundi ukuba bagqwese kwizifundo zabo ukusuka kunyaka wokuqala, ukuba ngaba ifakhalthi ibandakanye oononcwadi. Sinqathanda ukubonisa ukuba oononcwadi baye babandakanyeke njani ekufundiseni e-yunivesithi, ngokunjalo sabelane ngezinye zeempumelelo nezakhono ezingaziwayo ngokubanzi, ukuze sikhuthaze iifakhalthi ezingaphezulu ukusebenzisana ngempumelelo noonocwadi bazo.<br><br>Singathanda kanjalo ukwabelana ngezi zinto ukwenzela ukuba ifakhalthi iqonde ukuba akuyomfuneko ukuba zibe ziingcali kulo mmandla, kwaye zinenkxaso kwizakhono zazo zokufundisa ezinje ngokurefarensa, ukufunda ulwazi lwezemfundo, ukuvavanya ulwazi nokunye.<br><br>Ngobudlelwane obunjalo, akuxhamli kuphela  ifakhalthi kunye nethala leencwadi kule nto, kodwa abafundi baziva bexhotyiswe ngakumbi ukuba bakwazi ukuzikhangelela ulwazi. Ukucapula kwisininzi sabafundi emva kweseshini yokuqala nononcwadi: “Kwakutheni ndingafundiswa le nto kunyaka wokuqala?” |

| | |
|---|---|
| Iingcebiso ngonokufunda<br>- Nceda unikezele ngolwazi lwebhayografi yamanqaku ekulula ukuwafunda ama-2 okanye ama-3 / izahluko zeencwadi kwisihloko ezinxulumene ngqo nokufundisa nokufunda e-SU).<br>- Nceda ubandakanye i-DOI ne/okanye ii- hyperlinki kwinqaku, ukuqinisekisa ukufikeleleka. | Gilman, N.V., Sagàs, J., Camper, M. and Norton, A.P., 2017. A faculty–librarian collaboration success story: Implementing a teach-the-teacher library and information literacy instruction model in a first-year agricultural science course. *Library Trends*, 65(3), pp.339-358. Available: https://www.ideals.illinois.edu/bitstream/handle/2142/96183/65.3_Gilman.pdf?sequence=2<br><br>Bowles-Terry, M. and Donovan, C., 2016. Serving notice on the one-shot: Changing roles for instruction librarians. *International Information & Library Review*, 48(2), pp.137-142. Available: https://www.tandfonline.com/doi/pdf/10.1080/10572317.2016.1176457<br><br>Bury, S., 2016. Learning from faculty voices on information literacy: Opportunities and challenges for undergraduate information literacy education. Reference Services Review, 44 (3), pp. 237-252. Available: https://www.emerald.com/insight/content/doi/10.1108/RSR-11-2015-0047/full/html |
| Amagama anguNdoqo | Ulwazi lokufunda nokubhala, iimpawu zonesidanga, inkxaso yokufundisa |
| Umhla wenkcazo-ntetho | KuJulayi umhla wama- 26 ngowama-2022, ukusukela kwintsimbi ye-12:45 ukuya kweye-13:45 kwixesha loMzantsi Afrika. |
| Indawo | MSTeams |
| Imibuzo | Simbongile Ntwasa [sim@sun.ac.za]<br>Lucy Lucks [llucks@sun.ac.za] |